



**Western Cape  
Government**

Local Government



**Isicwangciso Ngendlela yokusebenza ku2019/20**  
**ISebe likaRhulumente Wasekhaya**

**Isebe likaRhulumente  
waseKhaya kuRhulumente  
waseNtshona Koloni:**

Isicwangciso sendlela  
yokusebenza kwiPhondo  
kuNyakamali ka2019/2020

# Ingxelo ephangaleleyo

## ISINGENISO

Kulo nyaka uphelileyo, ngexesha ndathi thaca Isicwangciso Sokusebenza kwiSebe ndaye ndaphawula ngelithi iPhondo lihlangabezana nokunqaba kwamanzi ngokungxamisekileyo kwaye urhulumente wephondo wabhengeza iphondo njengendawo yentlekele.

Ngexesha laseBusika kunyaka ka2018, iPhondo lafumana imvula eninzi nefunekayo eyathi yanika isiqabu kwimeko yonxunguphalo lokudinga amanzi awayefuneka kakhulu. Ezinye iindawo kwiPhondo zafumana imvula eninzi kunezinye, umzekelo, inginqi yeKaroo ethwaxwa yimbalela kwiNtshona Koloni nefumana imvula kwixesha lasehlotyeni, ziye zafumana imvula nazo. Kwimimandla efana neTouws River, apho imilambo ibithe yoma khona imilambo yaphuphuma laze idama iGamka eliseBeaufort West lafumana amanzi okokuqala kwiqela leminyaka. Siyabulela ngezizelo kodwa siza kuhlala silumkile siqaphele nobunono kuba iPhondo alikaphumi engxakini. Enye imvula isafuneka ukuze iphondo likwazi ukuphila nokuphuma kwiingxaki ezibangwe yimbalela ethathe ixesha elide. Ngoko ke ukuqinisa isandla kwezamanzi kusaqhubeka ngokupheleleyo. Ukusebenza ngokubambasisana nabantu abadla indima engundoqo kunye noomasipala abathe bachaphazeleka, isebe lam liza kuqhubeka nokuququzelelea lilawule uphuhliso lwezicwangciso kunye namaqhinga okuqinisekisa nokukhuthaza ukufmaneka kwamanzi.

Njengoko sifikelela kwinqanaba lonyaka wesihlanu kulawulo kweli lizwe nakwiPhondo, ndifumana amandla kwaye ndiyakhuthazeka ngomsebenzi esithe sawenza ukuphucula unikezelo lweenkonzo zethu kweli Phondo. Oku akuthethi ukuba sinemingeni esikwazi kujongana nayo; siye sathatha ixesha ukuqwalasela nokuqonda imingeni nemiba esingakwazi ukufikelela kuyo ukuxhasa oomasipala. Oku kuza kunceda iSebe likwazi ukuza neempendulo ngokukhawulelana nemingeni ejamelene nabathathinxaxheba bethu.

Ngokukhokelwa nguMgaqosiseko waseMzantsi Afrika, indima yethu kukuxhobisa ngezakhono, ukubeka iliso nokuxhasa oomasipala ukuze bakwazi ukunikezela ngeenkono njengoko benikwe uxanduva



lokuphuhlisa. Ngokusebenzisa inani lamaqonga siququzelela iinkqubo eziphakathi kumabakala karhulumente, sakhe isisekelo seSebe njenge "Gateway koRhulumente baseKhaya". Sithathe urhulumente wephondo nokazwelonke samsa koomasipala, saze sathatha oomasipala sabasa kuRhulumente wephondo nokazwelonke.

Ngelilixa iPhondo libekelwa phezulu ngokufikelela kwiinkono ezisisiseko xa lithlekiswa namanye amaphondo, asikwazi ukuyichitha into yokuba nako kweenkonzo zethu uku zanzuzo elulutho evela ekutyalweni kwemali kwiziseko zophuhliso nangona kukho uthotho lwemingeni edala umqobo. Undoqo kule mingeni kukungayondelelani okuphakathi kokuqinisa iziseko zophuhliso nokuququzelela amabakala amathathu oburhulumente. ISebe liza kuqhubeka nokusebenza namahlakani amaninzi ukuxhasa oomasipala ukuphucula ulawulo lweziseko zophuhliso.

Kanti ke, kule minyaka idlulileyo ingaphaya kwesihlanu, ulawulo loomasipala luphucukile kwaye kukho iimeko apho iSebe kwakufuneka lilungise imiba ethile namatyala thile ahambelana nolawulo kumasipala.

Oku kuthi makuphinde kucingwe ngendlela emakungenelwe ngayo kumasipala nexesha emakungenelwe ngalo. Kulo mba, kufundwe izifundo ngokusebenzisa kwamangenelo kwiPhondo kunye nakwamanye amaphondo, kuza kusinceda ukuqinisekisa kwangethuba ukuba amangenelo aza akusebenza ngokufanelekileyo kunangaphambili. Ukongeza, oku kuza kunceda ukuphucula ngakumbi indlela yokuhlanganiswa kwenkxaso yoomasipala ngeendlela ezahlukeleleyo.

Imingeni yendlala ephindwe kathathu, ukungalingani kunye nokungabikho kwamathuba engqesho kuyaqhubeka nokulimaza iinzame zikarhulumente zokuphucula umgangatho onguwo wobomi wabahlali beli phondo. ISebe lam lishenxile ekusebenziseni Amaziko Enkonzo zeThusong njengeqonga lokuphucula abemi bakwazi ukufikelela kwiindidi zeenkono zikarhulumente, ukuze bakwazi ukunciphisa indlela, ukwakhiwa kwamathuba omsebenzi kunye nophuhliso olusekelwe kuluntu ekuhlaleni. Le nkqubo, ihlangene nenkqubo Yokuphuhlisa Abasebenzi Ekuhlaleni, luza kuqhubeka nokujonga liqwalasele

iindlela zokuxhasa ukusetyenziswa kweenkqubo ezijoliswe ekuphuculeni umgangatho wokuphila kwabemi beli phondo, ingakumbi kwiindawo ezisemaphandleni.

Elokuqukumbela, mava ethu ekujonganeni nemingeni ejongene noRhulumente baseKhaya izise, yabonisa ngokucacileyo ukuba imingeni ejamelene neli lilzwe kunye nePhondo iyahambelana. Kufuneka indlela yokusebenzisa ejongisise oku kungqamana eyintlanaganisela ukuqinisekisa ulawulo lwamaziko kaRhulumente kunye nonikezelo lweenkonzo njengoko luchaziwe kwi*Whole of Society Approach* eyathathwa nguRhulumente waseNtshona Koloni.

**AW Bredell**  
**UMPHATHISWA WOORHULUMENTE BASEKHAYA,**  
**IMICIMBI ESINGQONGILEYO NOCWANGCISO**  
**LOPHUHLISO**

# Ingxelo ephangaleleyo

## UKUSAYINA NGOKUSEMTHETHWENI

Kuqinisekisiwe ukuba esi Sicwangciso Sendlela Yokusebenza Sonyaka

- Saphuhliswa lulawulo lweSebe Lolawulo koRhulumente baseKhaya (DLG) phantsi kwesikhokelo soMphathiswa loLawulo LooRhulumente waseKhaya, Imicimbi Yokusingqongileyo & Ucwangciso Lophuhliso kwiPhondo, uMnu A Bredell;
- Salungiselelwa ngouhambelana neSicwangciso Esilicebo seSebe liakRhulumentu waseKhaya; kwaye
- Ubonisa kakuhle indlela ecacileyo iziphumo ezimiselayo ngendlela yokusebenza elithi iSebe likaRhulumente waseKhaya aza ukulifezekisa nokuliphumelela, kusetyenziswa izixhobo zokusebenza ezikhutshweyo kuhlalolwabiwomali luka2019/20.

**Nkskz B Sewlall-Singh**  
Igosa Eliphezulu Kwezezimali



**Mnu A Dlwengu**  
UMPhathi: Umgaoqonqubo neCebo leNkxaso



**Mnu G Pause**  
Igosa Elingumphicothi-manani (Intloko yeSebe)



**Ivunywe ngu:**  
**Mnu AW Bredell**  
Igunya Eliphethayo



## ULUHLU LWAMAGAMA ASHUNQULELWEYO

<b>AO:</b>	Igosa elinguMphicothi manani.
<b>CDW:</b>	Umsebenzi Wophuhliso Loluntu.
<b>CoCT:</b>	Isixeko saseKapa.
<b>CWP:</b>	Inkqubo Yemisebenzi Ekuhlaleni.
<b>DCF:</b>	IForam Eququzelela kwiSithili.
<b>DCOG:</b>	ISebe Lokubambisana ngoLawulo.
<b>DLG:</b>	ISebe LiikaRhulumente waseKhaya.
<b>DM:</b>	UMasipala weSithili.
<b>DPME:</b>	ISebe Lokubeka Iliso nokuVavanya.
<b>GCIS:</b>	Unxibelelwano kuRhulumentu neSistim zoNikezelo ngeNgxelo.
<b>ICT:</b>	Unikezelo Lwengxelo nobuchwephesha boNxibelelwano.
<b>IDP:</b>	Isicwangciso Sophuhliso Oluhlanganisiweyo.
<b>IDZ:</b>	Izoni Yokuphuhlisa Ushishino.
<b>IGR:</b>	Unxibelelwano neNdibanisela YooRhulumente.
<b>LED:</b>	Uphuhliso Loqoqosho Ekuhlaleni.
<b>LGTAS:</b>	Icebo Lokuguquka Izinto kuRhulumente waseKuhlaleni.
<b>M&amp;E:</b>	Ukubeka Iliso noVavanya.
<b>MFMA:</b>	Umthetho Wolawulo Lwemali kuMasipala.
<b>MGRO:</b>	Uhlaziyo Lolawulo kuMasipala neMbonakalo.
<b>MIG:</b>	Isibonelelomi ngeZiseko zoPhuhliso Ekuhlaleni.
<b>MIGMIS:</b>	Isibonelelo soLawulo Lwesibonelelomi ngeZiseko zoPhuhliso Ekuhlaleni.
<b>MINMAY:</b>	IForam yoMphathiswa kaMasipala kuRhulumente waseKhaya nooSodolophu Abaphetheyo.
<b>MINMAYTECH:</b>	IForma yeNtloko yeSebe: URhulumente waseKhaya nabaLawuli bakaMasipala.
<b>MISA:</b>	I-Arhente eXhasa Iziseko zoPhuhliso kooMasipala.
<b>MPRA:</b>	Umthetho weMalintlawulo Yezindlu kaMasipala, 2004 (Umthetho 6 ka2004).
<b>MTEF:</b>	Isakhiwo seNkcitho yeThem-Ephakathi.
<b>MTSF:</b>	Isakhiwo Esilicebo kwiThem-Ephakathi.
<b>MSA:</b>	Umthetho weSistim kaMasipala, 2000 (Umthetho, 32 ka2000).
<b>NDP:</b>	Isicwangciso Sophuhliso kuZwelonke.
<b>NSDP:</b>	Inginga Yophuhliso Ngolandelwano kuZwelonke.
<b>OPMS:</b>	Ulawulo Lwesistim Lokuquzelela Lwendlela Yokusebenza.
<b>PCF:</b>	IForam Eququzelela iNkulumbuso.
<b>PFMA:</b>	Umthetho Wolawulo Lwemali Yoluntu, 2003.
<b>PGMTEC:</b>	Ikomiti Yenkcitho kuRhulumente wePhondo kwiThem-Ephakathi.
<b>PMS:</b>	Isistim Yolawulo Lwendlela Yokusebenza.
<b>PSG:</b>	Isiphumo Esilicebo kwiPhondo.
<b>PSDF:</b>	Isakhiwo Sophuhliso Ngolandelwano kwiPhondo.
<b>PT:</b>	Umgcinimafa kwiPhondo.
<b>RMT:</b>	Iqela Lolawulo kwiNgingqi
<b>SALGA:</b>	Imanyano yooRhulumente baseKhaya eMzantsi Afrika.
<b>SDBIP:</b>	Unikezelo Lweenkonzo neSicwangciso Sokusetyenziswa koHlahlolwabiwomali.
<b>SDF:</b>	Isisekelo Sophuhliso Ngolandelwano.
<b>SDI:</b>	Ukunikezela Kweenkonzo ngokuhlanganisa.
<b>SIME:</b>	Icebo Lokusebenzisana Ngokuhlanganisa noMasipala
<b>TIME</b>	Ukusebenzisana ngokuhlanganisa uMasipala ngoBuchwephesha
<b>TSC:</b>	Iziko Leenkonzo iThusong.
<b>WCG:</b>	URhulumentu waseNtshona Koloni.

<b>WOSA:</b>	Imanyano Yokusebenza noLuntu Luphelele.
<b>AO:</b>	Igosa Lophicothomanani.
<b>CDW:</b>	Umsebenzi Wophuhliso Loluntu.
<b>CoCT:</b>	Isixeko saseKapa.
<b>CWP:</b>	Inkqubo Yemisebenzi Yoluntu.
<b>DCF:</b>	IForam Yoququzelelo kwiSithili.
<b>DCOG:</b>	ISebe Lolawulo Ngobambiswano.
<b>DLG:</b>	ISebe liakRhulumente waseKhaya.
<b>DM:</b>	UMasipala weSithili.
<b>DPME:</b>	ISebe Lokubeka Iliso noVavanya.
<b>GCIS:</b>	Unxibelelwano kuRhulumente neSistim Yengxelo.
<b>ICT:</b>	Ingxelo noNxibelelwano Lobuchwephesha.
<b>IDP:</b>	Isicwangciso Sophuhliso Oluhlanganyelweyo.
<b>IDZ:</b>	Izoni Yophuhliso Loshishino.
<b>IGR:</b>	Unxibelelwano LoRhulumente Abahlangeneyo.
<b>LED:</b>	Uphuhliso Lwezoqoqosho kuRhulumente waseKhaya.
<b>LGTAS:</b>	Icebo Lokujika Izinto kuMasipala.
<b>M&amp;E:</b>	Ukubeka Iliso nokuVavanya.
<b>MFMA:</b>	Umthetho Wolawulo lwemali kooMasipala.
<b>MGRO:</b>	Uhlaziyo Lolawulo kuMasipala neMbonakalo.
<b>MIG:</b>	Isibonelelomi yeZiseko Sophuhliso kuMasipala.
<b>MIGMIS:</b>	Ulawulo Lwesibonelelo semali yeZiseko Zeenkonzo kuMasipala neSistim zeNgxelo.
<b>MINMAY:</b>	IForam yabaPhathiswa bakaMasipala kwiPhondo & neZibonda zeDolophu.
<b>MINMAYTECH:</b>	IForma yeNtloko kwiSebe: URhulumente waseKhaya & naBalawuli kuMasipala.
<b>MISA:</b>	I-Arhente Ehasa Iziseko zoophuhliso kuMasipala.
<b>MPRA:</b>	Umthetho kaMasipala ngeNtlawulelo Yeenkonzo Zezindlu, 2004 (Umthetho 6 ka2004).
<b>MTEF:</b>	Isisekelo senkcitho yeThem-Ephakathi.
<b>MTSF:</b>	Isisekelo Esilicebo kuZwelonke kwiThem-Ephakathi
<b>MSA:</b>	Umthetho weSistim kaMasipala, 2000 (Umthetho, 32 ka2000).
<b>NDP:</b>	Isicwangciso Sophuhliso kuZwelonke.
<b>NSDP:</b>	Uphuhliso Ngengcinga Yolandelwano kuZwelonke.
<b>OPMS:</b>	Isistim Yokulawula Indlela Yoququzelelo.
<b>PCF:</b>	IForam yeNkulumbuso Eququzelelayo.
<b>PFMA:</b>	Umthetho Oalwula Ezezimali Yoluntu, 2003.
<b>PGMTEC:</b>	Ikomiti Ejongene neNkcitho kwiThem Ephakathi kuRhulumente wePhondoe.
<b>PMS:</b>	Isistim Yokulawula Indlela Yokusebenza.
<b>PSG:</b>	Injongo Elicebo Lolandelwano kwiPhondo
<b>PSDF:</b>	Isisekelo Sophuhliso ngoLandelwano kwiPhondo.
<b>PT:</b>	Umgcinimafa kwiPhondo.
<b>RMT:</b>	Iqela Lolawulo kwiNgingqi
<b>SALGA:</b>	Imanyano kaRhulumente waseKuhlaleni eMzantsi Afrika.
<b>SDBIP:</b>	Unikezelo Lweenkonzo & neSicwangciso ngokuSetyenziswa koHlahlolwabiwomali.
<b>SDF:</b>	Isakhiwo Solandelwano kuPhuhliso.
<b>SDI:</b>	Ukuhlanganisa Unikezelo Lweenkonzo.
<b>SIME:</b>	Icebo LokuSebenzisana ngokuHlanganisa ooMasipala
<b>TIME</b>	Ukusebenzisana ngokuHlanganisa Ubuchwephesha kooMasipala
<b>TSC:</b>	Iziko Leenkonzo iThusong.
<b>WCG:</b>	URhulumente waseNtshona Koloni.
<b>WOSA:</b>	Indlela Yokusebenza noLuntu ngokuPheleleyo.

# Ingxelo ephangaleleyo

## IZIQULATHO

### ISIGABA A: AMAGQABANTSHINTSHI ALICEBO

1.	Umbono	8
2.	Umgomo	8
3.	Amxabiso	8
4.	Umthethosisekelo nezinye izindululo	8
4.1.	Izindululo zomgaqosiseko	8
4.2.	Izindululo Zomthethosisekelo	8
4.3.	Omnye uMthethosisekelo wooRhulumente baseKhaya	10
4.4.	Umthethosisekelo Onqamlezayo	11
4.5.	Izindululo Zomgaqonkqubo kaRhulumente waseKhaya	11
4.6.	Ezinye izindululo zoMgaqonkqubo	11
4.7.	Iinkqubo neZicwangciso ngoMgaqonkqubo	11
5.	Uhlalutyo lwemeko Olwaziswe ngokutsha	11
5.1.	Indawo esingqongileyo yendlela yokunikezelwa kweenkonzo	11
5.2.	Indawo engqonge ulugniselelo	15
5.3.	Inkqubo Yesicwangciso esiliCebo	16
6.	Umphumela Olicebo neziPhumo Eziqwalaselweyo	17
6.1.	Uyondelelaniso Nokuhlanganisa iSicwangciso Sophuhliso neSizwe kuZwelonke, Imiphumela kaZwelonke kunye neZiphumo Ezilicebo kwiPhondo	17
6.2.	Ukuhlanganisa neSicwangciso esilicebo kwiPhondo	20
6.3.	Amavandlakanya ngohlalolwabiwomali luka2016 noqikelelo lweMTEF	23

### ISIGABA B: IINJONGO EZILICEBO

7.	Ubume beNkqubo Yohlalolwabiwomali	26
8.	Iinjongo Ezilicebo kunye neNkqubo Ezimpawu Zendlela Yokusebenza	27
8.1.	Inkqubo 1: Ulawulo	27
8.2.	Inkqubo 2: Ulawulo LoRhulumente waseKhaya	32
8.3.	Inkqubo 3: Uphuhliso noCwangciso	54
9.	Iimpawu Ezimiselwe yiSektha kwiPhondo	69
10.	Ulawulo loMngcipheko	69

### ISIGABA C: UNXULUMANO NEZINYE IZICWANGCISO

Intlawulo: Izibonelelo ngokwemeko	74
Izibonelelo ngokwemeko	86
Unxulumano neziseko zophuhliso kwixesha elide kunye nezinye izicwangciso ezingundoqo	86
Amasolotya oLuntu	86
Ubambiswano Loluntu-Lwabucala	86

### IZIHLOMELO

Isihlomelo A: Ubume BoMbutho	88
Isihlomelo B: Injongo Eluphawu lwecebo kunye Neziphumo Ekujoliswe kuzo	89
Isihlomelo C: Iimpawu Zobuchwephesha	91



## ISIGABA A AMAVANDLAKANYA ALICEBO

# Ingxelo ephangaleleyo

## 1 Umbono

Iqela esisebenza ngokufanelekileyo nangokupheleleyo eyenza kube lula ukuba unikezelo lwenkonzo kumasipala balawuleke kakuhle ngendlela ephendulayo, ezinzileyo nehlanganisiweyo.

## 2 Umgomo

Ukubeka iliso, ukuququzelela nokuxhasa oomasipala basebenze ngokupheleleyo ekuzaliseni izindululo zoxanduva ukuphuhlisa, kunye nokuququzelela unikezelo lweenkonzo nokumelana neentlekele ngokuthethana nokusebenzisana norhulumente kunye nababambisene nabo ekuhlaleni.

## 3 Izimiselo

Izimiselo zeSebe zifana naleyo mithandathu yephondo, eyaziwa ngokuba.

- Kukukhathala;
- Ulwazi lomsebenzi;
- Ingxelo ngomsebenzi;
- Isidima;
- Impendulo;
- noBungcali.

## 4 Umthetho neinzye izindululo

### 4.1. Izindululo zoMgaqosiseko

UMgaqosiseko waseMzantsi Afrika (1996) ubonelela isakhiwo esiphahle umsebenzi wamasebe karhulumente eMzantsi Afrika. Isahluko se7 sibonisa iinjongo nezindululo mayela norhulumente wasekhaya. Ezi zindululo zilandelayo zeSebe LikaRhulumente waseKhaya zingathathwa kwezi:

- Ukumisela oomasipala bahambelane nomthetho kazwelonke;
- Ukuxhasa nokomeleza amandla oomasipala;
- Ukulungiselela ngendlela yokusebenza koomasipala ngokwemiba yemisebenzi yabo ebekwe kuluhlu kwiShedyuli 4 neShedyuli 5 yoMgaqosiseko;
- Ukungenelela apho umthetho ungazalisekanga, izinyanzeliso zolawulo nezezimali;
- Nokukhuthaza uphuhliso likarhulumente wasekhaya.

### 4.2. Izindululo zomthethosisekelo

IWhite Paper kuRhulumente waseKhaya (1998) kunye nezimiselo ezilandela umthethonkqubo (oboniswa ngezantsi) obonelela ngemeko yolawulo lukarhulumente wasekhaya kuzwelonke

In-om-bolo	Umthethosisekelo	Isindululo
A	URhulumente waseKhaya: Umthetho Wokucandwa KooMasipala, 1998 (Umthetho 27 ka1998)	Lo mthetho unezi zibonelelo <ul style="list-style-type: none"> <li>• Imiqathango emisiweyo neenkqubo zokuqinisekiswa kwemida kamasipala ligunya elizimeleyo.</li> </ul>
B	URhulumente waseKhaya: Umthetho Wobume boMasipala, 1998	Lo mthetho unezi zibonelelo <ul style="list-style-type: none"> <li>• ukumisela koomasipala ngokweemfuno ezihambelana namanqanaba neentlobo zikamasipala.</li> <li>• ukumisela ngokweemfuno zokuqinisekisa amanqanaba kamasipala amiselwe kulo mmandla</li> <li>• inkcazelo ngohlobo lukamasipala onokumisela kwinqanaba ngalinye.</li> <li>• Ukwahlula misebenzi ngokufanelekileyo kunye namandla egunya phakathi kwamanqanaba kamasipala</li> <li>• Ukulawulwa nokulungelelanisa iisistim zobume bangaphakathi kunye namagosa anezikhundla koomasipala.</li> </ul>

In-om-bolo	Umthethosisekelo	Isindululo
C	URhulumente waseKhaya: Umthetho WeSistimi kaMasipala, 2000 (Umthetho 32 ka 2000)	Lo mthetho wenza izibonelelo: <ul style="list-style-type: none"> <li>• Imiqathango engundoqo, indlela zokusebenza kunye nenkqubo ezifanelekileyo nezenza oomasipala basebenze ngokuzinikela ekuphakamiseni nasekuphuculeni uluntu lwasekuhlaelni kunye noqoqosho lwabantu</li> <li>• Ukuqinisekisa ukufikelela koluntu lonke kwiinkonzo ezibalulekileyo nezifikeleleka kumntu wonke</li> <li>• Ukuchaza uhlobo lomthetho kumasipala, kuquka uluntu lwasekuhlaleni olukummandla othile kamasipala</li> <li>• Amandla kamasipala nemisebenzi</li> <li>• Ukuthathwa kwenxaxheba luluntu</li> <li>• Ukumisela kwesakhiwo esisebenzayo ukulungiselela iinkqubo ezingundoqo kwinkqubo zokucwangcisa, ulawulo lwendlela yokusebenza, ukusasazwa kwezixhobo zokusebenza kunye nokutshintsha indlela yokuququzelela</li> <li>• Isakhiwo solawulo loluntu kunye nokuphuhlisa indlela yokusebenza noqeqesho</li> <li>• Ukuxhobisa ngolwazi abantu abahlelekileyo nokuqinisekisa ukuba oomasipala bamisela iindlela zokuhlaluleka iinkonzo bamisele imigaqonkqubo yokulawula amatyala eqwalasela iimfuno zabantu</li> </ul>
D	URhulumente waseKhaya: Umthetho Wolawulo Lwezimali kooMasipala, 2003 (Umthetho 56 ka2003) (MFMA)	Lo mthetho ubonelela: <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuqinisa ukhuseleko olululo nolawulo oluzinzisa imicimbi yezemali kamasipala; kunye namanye amaziko kurhulumente wasekhaya</li> <li>• ukumisela imiba kamgcinimafa nemigangatho yamabakala karhulumente.</li> </ul>
E	URhulumente waseKhaya: Umthetho Wentlawulelo Zeenkono zikaMasipala, 2004 (Umthetho 6 ka2004) njengoko ulungiselelwe nguRhulumente waseKhaya: Umthetho Ohlonyelweyo Ngentlawulo Yezindlu yeeNkonzo Zezindlu kuMasipala, 2014 (Umthetho. 29 ka2014)	Lo mthetho ubonelela <ul style="list-style-type: none"> <li>• ukuqinisekisa ukhuseleko nozinzo lolawulo lwemicimbi yemali koomasipala bakazwelonke;</li> <li>• ukumisela kwemiba namabakala ayamene nemicimbi yezemali ngokubeka iliso nokulinganiselela;</li> <li>• ukulawula amandla kamasipala ukumisela intlawulo yeenkonzo ezindlwini;</li> <li>• ukukhuphela ecaleni ezinye izindlu ekunhlawuleni iinkonzo ukwenza izibonelelo zikamasipala ukuba zisebenzise isistim ecacisekayo nefanelekileyo kwabo bakhutshelwe ecaleni;</li> <li>• ukufakela indlela yokubonelela abantu ngokubahlalwulela ngokomgaqonkqubo wokuhlalulwa kwemali yeenkonzo;</li> <li>• ukwenza izibonelelo sovavanyo olufanelekileyo nnoluneendlela zokuvavanaya izindlu kunye</li> <li>• nokwenza izibonelelo ngeenkqubo 'zokuphikisana nokubhena'.</li> </ul> <p>URhulumente waseKhaya: Umthetho Ohlonyelweyo Ngokuhlalulwa Kweenkonzo zikaMasipala, 2014 waqala ukusebenza ngomhla woku-1 kuJulayi ka2015. Umthetho ujliswe ekuboneleleni izihlomelo ezahlukeneyo, iindawo ezifakelweyo kunye nezendawo ezicinywayo ukuze ukhuthaze ukwenza imibiko eyiyo, ukuhambelana neenkqubo kunye nokusetyenziswa kwemiqathango yenkqubo ehambelana noMthetho.</p>
F	Umthetho Wolawulo lwentlekele, 2002 (Umthetho 57 ka2002)	Lo Mthetho wenza izibonelelo <ul style="list-style-type: none"> <li>• zokuhlalulwa nokuququzelela umgaqonkqubo wokulawulwa kweentlekele oqwalasela ukuthintela okanye ukucutha umngcipheko weentlekele onciphisa ukwehla ngokumandla kweentlekele, ukulungela iimeko zoxunguphalo, impendulo ekhawulezayo neyiyo kwiintlekele nokuphiliswa emva kweentlekele;</li> <li>• ukumisela kwamaziko oolawulo lwentlekele kuzwelonke, kwiphondo nakumasipala</li> <li>• amavolontiya asebenza kwinkqubo yokulawula intlekele</li> <li>• limeko ezizizihlo ezihambelana nalo</li> </ul>

In-om-bolo	Umthethosisekelo	Isindululo
G	Umthetho Ohlonyelweyo Ngolawulo Lweentlekele, 2015 (Umthetho 16 ka2015)	Lo mthetho wenza izibonelelo <ul style="list-style-type: none"> <li>Zokucacisa ingqwalasela yemigaqonkqubo ekuphilisweni nasekusebenziseni amaziko alawula iintlekele;</li> <li>Ukuhambisana nemisebenzi yeForam Ecebisa Ngolawulo Lweentlekele ukulungiselela Iqonga likaZwelonke Ngokucutha Imingcipheko Yentlekele eMzantsi Afrika;</li> <li>UMkhosi Wokhuselo eMzantsi Afrika kuZwelonke, linkonzo zamaPolisa eMzantsi Afrika kunye naliphi na ilungu loburhulumente elinako ukuncedisana nemibutho yolawulo lweentlekele;</li> <li>nokomeleza iindlela zokunika imibiko ngokuncitshiswa komngcipheko weentlekele ukuze kuphuculwe mandala esizwe okuba nako ukujongana namathuba okuvela kwemingcipheko</li> </ul>
H	Umthetho Ngesakhiwo Sonxibelelwano nentsebenziswano-yooRhulumente, 2005 (Umthetho 13 ka2005)	Lo mthetho wenza izibonelelo <ul style="list-style-type: none"> <li>ukumisela oomasipala ngokweemfuneko ezihambelana namabakala neentlobo zikamasipala</li> <li>ukumisela umasipala ngokwebakala lokuqinisekisa uhlobo lukamasipala oza kumiselwa kuloo ndawo.</li> <li>Ukwahlulwa kwemisebenzi ngokufanelekileyo namandla egunya eliphakathi kwamabakala kamasipala</li> <li>Ukulungiselela iindlela zokusebenza zangaphakathi, ubume bezikhundla kunye namagunya oomasipala</li> <li>Isistimi zokhetho ezifanelekileyo</li> </ul>
I	Umthetho ngesicwangciso Sokuphuhlisa Ngolandelelwano nokuSetyenziswa koMhlaba, 2013 (Umthetho 16 ka2013)	Lo mthetho wenza ezi zibonelelo <ul style="list-style-type: none"> <li>Isakhiwo sesicwangciso sokulandelelana kwemisebenzi nokusetyenziswa komhlaba kwiriphabhliki</li> <li>Ukucacisa ngokupheleleyo ubudlelwane phakathi kwizicwangciso ezilandelelanayo nolawulo lwesistim yokusetyenziswa komhlaba nezinye iintlobo zezicwangciso</li> <li>Izicwangciso eziquka bonke abachaphazelekayo, ezinenjongo yophuhliso, ezibonisa ulingano nokusebenza kakuhle kwezicwangciso zolandelelwano kumanqanaba onke karhulumente</li> <li>Isisekelo sokubeka iliso, uququzelelo nokuhlaziywa kwezicwangciso zolandelelwano nesistim elawula ukusetyenziswa komhlaba</li> <li>Isakhiwo semigaqonkqubo, imiqathango, indlela yokwenza izinto kunye nemigangatho yezicwangciso zokuphuhlisa nokulawula ukusetyenziswa komhlaba</li> <li>Ukulungisa iimeko zolandelelwano kunye nokulungelelanisa ukungalingani</li> <li>Ukukhuthaza indlela yokwenza izinto ngendlela eyiyo nefanayo ngexesha ezenziwa ngalo ekusebenziseni iinkqubo nokwenza izigqibo ngophuhliso ngabasemagunyeni abanoxanduva lokuthatha izigqibo ngokusetyenziswa komhlaba</li> <li>Ukumiselwa kwemisebenzi neendlela zokusebenza kuamqoqo kaMasipala Okucwangcisa</li> <li>Ukuququzelela nokusebenza ngocwangciso lokusetyenziswa komhlaba nemanathelo ophuhliso</li> <li>Imiba anxibeleleneyo ngoko ke.</li> </ul>

### 4.3. Omnye Umthethosisekelo wooMasipala

Ukongeza kwizibdululo zomgaqosiseko, uRhulumente waseKhaya ukhokelwa yeminye imithethosisekelo, eyaziwa njengale:

- Umthetho Weenkonzo Zokucima Imililo, 1987 (Umthetho 99 ka1987);
- Umthetho NgoMlilo Wamadlelo naMahlathi kuZwelonke, 1998 (Umthetho 101 ka1998);
- Umthetho Wokuphuhlisa uququzelelo, 1995 (Umthetho 65 ka1995);
- Umthetho Osisihlomelo Semithetho

kaRhulumente waseKhaya, 2008 (Umthetho19 ka2008);

- Inqwalasela yeeNtlobo zeMithetho kaMasipala eNtshona Koloni, 2000 (Umthetho 9 ka2000);
- Umthetho Ngokuhlululwa Kwabasebenza Kwii-Ofisi Zoluntu, 1998 (Umthetho 20 ka1998);
- Umthetho Weemfanelo ZoCeba eNtshona Koloni (Umthetho 2 ka2011);
- Umthetho Okhusela Ukufumana Izinto, 2008 (Umthetho 68 ka2008); kunye
- NoMthetho Wokubeka Iliso eNtshona Koloni noXhasa Oomasipala, 2014 (Umthetho 4 ka2014).

### 4.4. UMthethosisekelo oxananazileyo

Uthotho lweemfuneko zolawulo olusebenzisa iimfuneko zomthetho oxananazileyo kunefuthe kumsebenzi weSebe kwimisebenzi emininzi efanale:

- Umthetho Weenkonzo Zoluntu, 1994 (Umthetho 103 ka1994) neMiqathango yeenkonzo Zoluntu ka2016;
- Umthetho Woalwulo Lwemali Yoluntu, 1999 (Umthetho 1 ka1999) neMiqathango kaMgcinimafa kuZwelonke Injoli yesizwe);
- Umthetho Wokwahlulwa kwerhafu ngoNyaka;
- Umthetho Wokuphuhlisa Izakhonoo, 1998 (Umthetho 97 ka1998);
- Umthetho Wemali yembuyekezo Ngokunikezelwa kweZakhono, 1999 (Umthetho 9 ka1999);
- Umthetho Wolingano Engqeshweni, 1998 (Umthetho 55 ka1998);
- Umthetho Wobudlelwane Esembebenzini, 1995 (umthetho 66 ka1995);
- Umthetho Wamalungelo Abasebenzi Emsebenzi, 1997 (Umthetho 75 ka1997);
- Umthetho Wempilo Entle noKhuseleko Emsebenzini, 1993 (Umthetho 85 ka1993);
- Umthetho Wolonyulo kaMasipala 2000, (UMthetho 27 ka2000);
- Umthetho Okhutahza ukufikelela KwiNgxelo2000, (Umthetho 2 ka2000);
- Umthetho Ngokukhuthaza Ulingano noKuthintela Ukucalulwa Esembebenzini 2000, (Umthetho 4 ka2000);
- Umthetho Okhuthaza Ualwulo Ngokobulungisa, 2000 (Umthetho 3 ka2000);
- Umthetho ngoVimba kuZwelonke neeNkonzo Zokushicilela eMzantsi Afrika, 1996 (Umthetho 43 ka1996); kunye
- Umthetho ngoVimba kwiPhondo neeNkonzo Zokushicilela eNtshona Koloni, 2005 (Umthetho 3 ka2005).

### 4.5. URhulumente baseKhaya neZindululo ZoMthethosisekelo

Le miba elandelayo sisakhiwo sokwenza izibonelelo zomgaqonkqubo kuRhulumente waseKhaya:

- IWhite Paper kuRhulumente waseKhaya, 1998;
- Icebo Lokujika Izinto kuRhulumente waseKhaya kuZwelonke 2009;
- Icebo Lokulwa -Norhwaphilizo kuRhulumente waseKhaya, 2006;
- Umgaqonkqubo Weenkonzo Ezisisiseko 2000/01;
- Isakhiwo Sokuthatha Inxaxheba sokuThatha Inxaxheba Koluntu kuZwelonke, 2007; kunye
- Icebo Lokubuyisela Isizwe kwiZiseko, 2014

### 4.6. Ezinye Izindululo zomgaqonkqubo

Umsebenzi karhulumente wasekhaya uyachaphazeleka kwezi zindululo zomgaqonkqubo olandelayo:

- Isiseko Solawulo LweNtlekele eNtshona Koloni, 2010;
- Imiqathango yeBatho Pele;
- Isakhiwo Somgaqonkqubo kaRhulumente ngeSistim nokubeka Iliso nokuVavanya (M&E) System, 2007;
- Isakhiwo Senkqubo Yokulawula Indlela Yokusebenza neNgxelo, 2007 (FMPP);
- Isakhiwo Sokuqinisekisa Ukuphucuka koMgangatho wocwangcismanani yaseMzantsi Afrika, 2007;
- Inginga Sophuhliso Solandelelwano kuZwelonke, 2002 (NSDP);
- Isakhiwo Sophuhliso Ngolandelelwano kwiPhondo, 2014 (PSDF);
- Isakhiwo Esilawula intlekele kwiSizwe, 2005;
- Isicwangciso Sophuhliso kaZwelonke (Umbono ka2030);kunye
- neSicwangciso Esikhulu kwiPhondo yeCDW.

### 4.7. Iinkqubo Yomgaqonkqubo Ocwangcisiweyo

- Iinkqubo zoMgaqonkqubo Ongacwangciswa ku2019/20,

## 5. Ukwazisa Ngohlalutyo Ngokwemeko:

### 5.1 Indawo engqonge uphuhliso lokunikezelwa kweenkonzo

#### Uphuhliso lwezoqoqosho-ekuhlaleni

Iphondo liphuma kwixesha lembalela enzima xa siza ma ukukhumbula, eteh yanyanzelisa ukuba bonke abathatha inxaxheba basebenze ngokubambisana ekuphuhliseni izicwangciso kunye namacebo aliqhinga lokumelana nokushokoxeka kwamanzi. Ifuthe lembalela lazibonakalisa kumanqanaba amaninzi aquka ezoshishino, ukhenketho kunye namasoloty ezolimo ingakumbi abo baqeshwe ngala masoloty. Nangona iphondo liyifumene imvula yobusika, iza kuliva ifuthe imbalela kwiminyaka emibini ukuya kwemithathu ezayo. <sup>1</sup> Uhlalutyo Lwezoqoqosho kwiPhondo kunye nneMbonkalo ekhutshwe nguMgcinimafa kwiPhonodo luphawula ukuba “nangona kukho kuye kwakho ucutho olubonakalayo lwezinye izinto ku2016, ulimo luye lwanegalelo elihle nelincomakeyo ekukhuleni kwezoqoqosho kwiPhondo ukusuka kunyaka wama2013 ukuya kuma2017. Ukwelha kakhulu kwegalelo kwixabiso elithi longezelelwe phakathi kwama2018 nama2022, ngenxa yembalela”. Eli soloty ebelifudula linamanani aphezulu okukhula kwengqesho kubonakala ngathi liza kubetheka kwehle amanani nanjengoko kumele licuthe inani lemisebenzi ngenxa yefuthe lembalela

<sup>1</sup> Uhlaziyo Loqoqosho kwiPhondo neMbonkalo ka2018: ikhutshwe nguRhulumente waseNtshona Koloni: UMgcinimafa wePhondo.

# Ingxelo ephangaleleyo

<sup>2</sup> Inqikelelo yamanani abemi beli phakathi kunyaka ka2018 eyakhutshwa yiNkcukachamanani eMzantsi Afrika yaqikelela ukuba inani labantu abahlala kweli phondo lingaphezulu kwezigididi ezingaphezulu kancinci kwi6,6 yeemilioni. Nangona inani lamadoda kulindeleke ukuba libe ngama61,1 elabafazi libe yiminyaka engama67,3 kwiPhondo oku kuqikelelwa ukuba libe ngama66,2 amadoda nama72,1 abafazi, ngeli lixa intsilelo yabafiki kweli lizwe iqikelelwa kuma311 000. Umyinge omncinane wentswelangqesho eNtshona Koloni uqikelelwa kwi19,7%, oku kubonisa ukwehla kwentswelangqesho ukusukela kuma23,1% athi aqikelelwa kunyaka ka2013. Nangona lehlile elinani liphantsi lentswelangqesho kwiPhondo, inani labantu abatyhafiswa kukungafumani msebenzi liye lenyuka kwangexesha elinye.

Ukufumana amanzi, umbane, ugumgxulolwelindle nokuthuthwa kwenkunkuma ziimpawu ezinzileyo nezibonisa ukuphuculwa konikezelo lweenkonzo. Xa kucingwa ngalo mba, iinkcukachamanani ziphawula kwaye abonisa ukuba iPhondo likwazile ukugcina amanqanaba aphezulu lonke ixesha (ngaphezulu kweepesenti ezingama 90% kuhlobo lweenkonzo) abantu bekwazi ukufikelela kwiinkonzo.

Kubalulekile ukuqonda ukuba uphuhliso loqoqosho loluntu kwiinkalo ezichazwe ngentla lungundoqo ukuqinisekisa imiba etshisa ibunzi nehamba phambili kwiSebe ngoKwesisekelo Senkcitho Ekwxesha Eliphakathi (MTEF).


### Ukungqamanisa isebe ngokwezindululo ekumele lizifekise

Umgaqosiseko weRiphabliki yaseMzantsi Afrika (1996)wenza izibonelelo (1996) ezisembindini we-

sisekelo somsebenzi wamasebe karhulumente eMzantsi Afrika. Isahluko se7 sibonisa iinjongo nezindululo ezimayela norhulumente wasekhaya. Ezi zindululo zilandelayo kwiSebe likarhulumente waseKhaya zingacatshulwa apha:

- Ukumisela oomasipala abahambelana nomthethosisekelo kazwelonke;
- Ukuxhasa nokomeleza amandla okuba nako koomasipala;
- Ukulawula iindlela abasebenza ngayo oomasipala ngokwemiba yemisebenzi yabo eyenziwe yaluhlulu leShedyuli ye-4 neye-5 yoMgaqosiseko;
- Ukungenelela apho kukho ukungawanelisi umthethosiseko ngokwezibophelelo zomthethosisekelo, ezabaphathi okanye ezemali; kunye
- Nokukhuthaza ukuphuhlisa kukarhulumente wasekhaya.

Esi sindululo sibeka iSebe ngendlela efanelekileyo "Gateway to Local Government/Indlela Yokungena kuRhulumente waseKhaya. Ngokwenani lamaqonga aququzelelwa liSebe phakathi kwamanqanaba karhulumente, athathe amasebe ephondo nazisa oomasipala kumaphondo kamasipala. Ngokucingela zonke izicwangciso zamadoloty ahlukene kumele abonakale indima yakhe koomasipala abanguququzelelwa nabangalawulwa kakuhle, kuye kubekho iziphumo zokubhida nokuxinana kwengqondo. Kubalulekile ukuba aba masipala basekhaya baphathwe ngendlela ebangela ukuba ixhala. Ngokukhokelwa nguMgaqosiseko, iSebe linoxanduva lokubonelela ngamaqonga ejoliswe ekuqinisekiseni ukuququzelelwa ukulawulwa ngcono ukunikezela ngezindululo zabo. Inani elingezantsi limele indima yeSebe njenge "Gateway to Local Government/Indlela Yokungena kuRhulumente".



<sup>2</sup> Uqikelelo lokukhula kwenani labantu phakathi enyakeni ku2018: lukhutshwe ngabeeNkcukachamanani eMzantsi Afrika, Julayi 2018.

### ukuqwalasela indawo esingqongileyo

Ukuqinisekisa ukuba iSebe likwimeko yokuba yimpundu yeemfuno zabathathinxaxheba elisebenza nabo, kubalulekile ukuba liqonde imiba ebefuthe kwizinto ezingqonge indawo elisebenza kuyo. Ngexesha lokusebenza nabantu abakulawulo oluphezulu, ku-

nye nabathathinxaxheba abohlukeneyo, imiba edala ifuthe kwindawo nemiba yomsebenzi kwiSebe yahlalutywa yaze yashwankathelwa kwaye ingaqondakala ngokuyishwankathela njengokuba kuphawulwe kwithebhule engezantsi.

### Ifuthe elidalwa zimeko zangaphandle

ifuthe	IMIZEKELO
Ezopolitiko nezomthetho	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Utshintso kumthethosisekelo kwisolotyasektha</li> <li>• Unyulo kuZwelonke nakwiPhondo njengoko zinefuthe elingaziwayo kuRhulumenete waseKhaya</li> <li>• Umthetho weeNkokeli Zomthomnyama namaKhoisan</li> <li>• Ukungathobeli Mthetho okukhulayo nokunganazwa kweMiqathango</li> </ul>
Uqoqosho	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Imbonakalo ebuthathaka yezoqoqosho</li> <li>• Ukungomeleli kwezoqoqosho</li> <li>• Ukulahleka kwemisebenzi</li> </ul>
Ukuhlala neNkcubeko	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukunyusa amabakala endlala nokulingani</li> <li>• Abemi abangenamonde okukhokelela emigushuzweni</li> <li>• Ulwaphulomthetho nokhuseleko</li> <li>• Ukuthathwa kwemihlaba kunye nokugxothwa kwabantu ezifama</li> </ul>
Ubuchwephesha	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Umzabalazo Woshishino we-4th</li> <li>• Ukuphuhla kweteknoloji, idatha, ukufikelela kwiinkonzo ze-intanethi</li> </ul>
Indawo yokusebenzela	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukutshintsha kwemo yezulu - imililo yamadlelo, iimpuphuma nezandyondyo, izikhukhula ezihlaselayo, imbalela neentlekelo zendalo</li> </ul>
Oomasipala	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukungazinzi kwezopolitiko</li> <li>• Izityholo zorhwaphilizo, ubuqhophololo nokulawula okugwenxa</li> <li>• Ukuzinza kwezemali</li> <li>• Unikezelo lweenkonzo</li> <li>• Ukungangqamani kophuhliso kweziseko zophuhliso, uququzelelo nokusetyenzwa phakathi kwamanqanaba amathathu karhulumente</li> </ul>
Abemi	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukunyuswa kweemfuno kweenkonzo ezizisiseko</li> <li>• Ukuhamba kwabemi</li> <li>• Indlala, ukungalingani nokunyuka kokunqaba komsebenzi</li> <li>• Kunyuke uqhankqalazo</li> </ul>

### Ukufunyaniswa kwemiba etshisa ibunzi koomasipala

Njengenxalenye yokucwangcisa imisebenzi kamasipala, ukulungiselela intsebenziswano ngezicwangciso zephondo, iSebe Likarhulumente waseKhaya laqhuba uvavanyo lwesine ngeeIDP lwaze lwenza uhlaziyo lokuqala lweeIDP ukuqwalasela imiba etshisa ibunzi nehamba phambili neningeni kumasipala. Ngaphezu koko, ixesha lovavanyo longezelelwa ukuquka im-

ingeni nemingcipheko ephawulwe ngoomasipala ngexesha lokuvavanya imingeni yobuchwephesha kwintsebenziswano yoomasipala. Uvavanyo olungentla lukhuphe izihloko Ezilishumi, ezaziwa ngokuba zezi; Utshintsho lwemozulu/Ukhuseleko lwamanzi; Uphuhliso Lwezoqoqosho Ekuhlaleni; Ukuthuthela kwamanye amazwe/Intlalo Yasedolophini; Ulawulo lweziseko Zophuhliso; Ulawulo kuRhulumente; Uku-



sebenzisana nabemi; Izicwangciso Ngokusebenzisana ngoYonedelelwano kukaRhulumente, Ulawulo lweenkcukacha; Uzinzo Lwezemali; Ukubambisana/Ubambiswano/ linkonzo ekwabelwana ngazo; Ulawulo Lwenkukuma; kunye nokungaZinzi kwezoPolitiko, Ulawulo kunye naseKuhlaleni. Ezi thim zivelayo zaxoxwa kumaqonga amaninzi ezicwangciso, kwiPhondo nakwinqanaba likamasipala. Kwacelwa amaSebe ukuba aphawule ngendlela athe alungiselela ngayo ezi thim zivela kwizicwangciso zawo.

## Utshintsho kwezopolitiko nokutshitsna kwezomthetho

Unyulo lukazwelonke nakwiphondo lumiselwe ukuqhuba ngoMeyi ka2019. Amava anagoahambili asibonisa ukuba ixesha elikhokelela kunyulo lukazwelonke nephondo ku2019 lubalulekile kwiSebe, njengoko lusenokzisa inqanaba eliphezulu lokungazinzi koomasipala. ISebe liza kulungiselela inkxaso yalo lize liyiqinisekise koomasipala ngaphambi nasemva konyulo ukuqinisekisa uzinzo nokuqhuba konikezelo kweenkonzo. Oku kuza kuquka ukubonelela ngenkxaso kooceba ukubanceda bakwazi ukudlala indima yabo noxanduva.

I-Upper Upper Limits esebenzayo isaqhuba ukudala ukunganeliseki okukhulu phakathi kwabalawuli bakamasipala, ngenxa yokuba imivuzo ehlawulwa abalawuli nabalawuli abaphezulu ayihambisani nemivuzo yabanya abalawuli nabaphathi kwimakethi. Inyaniso kukuba abantu abasebenza phantsi kwabalawuli kwiTask Scale (ngokwemisebenzi abayenzayo) bamkela ngaphezulu kunabalawuli babo. Ayichazeki kakuhle ke le nto yokuba abalawuli bakamasipala kunye nabaLawuli ngokweSoloty lama-56, abanikwe amandla oxanduva lomthetho noxanduva lokuqhutywa komsebenzi bahlawulwa ngokungalinganiyo xa kuthetlekiswa nabasebenzi abanika ingxelo kubo. Oku kunefuthe elibi kwaye kuyayichaphazela into yokuthathwa kwabalawuli abaphezulu kubasebenzi abakhoyo koomasipala. ISebe liyaqhuba ngokuxhasa oomasipala likhupha inkxaso kunye nokufakwa kwezicelo zengqesho okubaluleke kakhulu kucelwa umphathiswa ukuba enze utshintsho kwezi khundla/kule meko.

Umthetho WeeNkokheli zeMveli namaKhoisan othe wapasiswa liBhunga laMaphondo kuZwelonke, iza kufuna iimbono zeSebe emva kokuba usayiniwe ukuze likwazi ukusebenzisa izibonelelo zalo. Ukulungiselela

oku, iSebe lahlaziya INkqubo ye4: Ulawulo Lobukhosi ngokweSebe limiselwe kubume balo.

## Iimeko zoqoqosho-ekuhlaleni ezichaphazela imali eqokelelwa ngumasipala

Ukuzinza kumasipala kuxhomekeke kakhulu kuluntu olubonelelwa ngeenkonzo ngulo masipala ukuwenza imali eyingeniso ngemali ehlawulelwa iinkonzo. Ukuba nako kukamasipala ukunyusa ingxowa ngolu hlobo kuxhomekeke ekuthini abahlali bayakwazi ukuhlawulela iinkonzo kusinina. Nangona imeko yezoqoqosho ibonisa ukuphucuka kancinci kancni, izinto ezifana nendlala nentswelangqesho ziyaqhuba noku-ba nefuthe elibi kuqoqosho lweli phondo. Umzekelo, isoloty lezolimo lelinye lamasoloty anegalelo kuphuhliso lwezoqoqosho kweli Phondo. Xa kujongwa ifuthe nemithethelela yembalela kweliPhondo, imveliso yeli soloty iyehla ntolelo ineziphumo zokuhlaleka kwenani lemisebenzi. URhulumente waseNtshona Koloni (WCG) uzibophelele kwiWhole-of-Society Approach ukuphucula ubomi babemi bonke beli phondo. I-Whole-of-Society Approach isasaza izixhobo zokusebenza, ulwazi, ukucinga banzi kunye nezinto ezinika ingxaki kwabo badlala indima kurhulumente, isoloty labucala kunye nabasebenzi bakarhulumentebaza kunyusa uphuhliso loqoqosho-loluntu baze balungise imingeni yemigaqonkqubo. Ukuqwalasela nokulungisa imiba ephathelana nendlala nentswelangqeshoeluxanduva lwamasebe onke karhulumente kwiPhondo, ngoko ke neli iSebe alikhutshelwanga ecaleni. Oku kufuna ukuba nasemva kokuphelelwa kwexesha leMTEF kuqhutywe nezicwangciso zeSebe ezikukujonga iindlela zokuphuhlisa nezokulungisa iimeko zoqoqosho zabahlali kwiPhondo.

## Utshintsho lwendawo yokusebenza

<sup>3</sup> Uphando oluye lwaqhutywa yiUrban Climate Change Research Network olwaqwalasela ifuthe lwenququko yemozulu kwiidolophu ezinkulu kwihlabathi neyakhutshwa ngo2018, ibonisa ukuba ngama“70% eedolophu kwihlabathi liphela asele ejongene nefuthe lokuguquka kwemozulu kwaye zonke zisemngciphekweni”. Ngokudizwa ngumbiko nezehlo elijongene nazo iPhondo, akukho kuthandabuza ukubona ukuba utshintsho nenguquko kwimozulu kunefuthe kweli Phondo. Kungoko ke kubalulekile ukuba iPhondo licwangcise lize nezisombululo eziza kusetyenziswa njengempendulo kwimingcipheko neempawu enefuthe elibi kubemi bePhondo, kuqoqosho nakwii-sistim yeziseko zophuhliso. Omnye wemingcipheko

kwiPhondo kukuba lithandwa kakhulu zizandyondyo zemvula nezikhukula. Ngokombiko okhutshiweyo, inqanaba lolwandleluyaphakama kwaye izandyondyo ezihambelana nokuguquka kwemozulu kucacisa imingcipheko yezandyondyo zemvula..

Ifuthe elibi neliyimiphumela yokuguquka kwemozulu lingalibi kakhulu njengoko kungakho ukuphazamiseka okungalindelekanga okudalwa zizandyondyo neempuphuma, izikhukula nemililo enokukhokelela kuphazamiseko olungamandla. Oku kumemelela ukuba iPhondo liphuhlise amacebo okumelana neentlekele njengenxalenye yomngeni kwihlabathi. ISebe liza kuqhubeka nokomeleza amacebo alo kunye nokuxhobisa ngezakhono nolwazi ukuze likwazi ukumelana nemingcipheko yeentlekele.

IPhondo lijongene nemiphumela esaqhubayo yembalela.ISebe libambisene anabanye abadlala indima kwiindawo ezahlukeneyo kumasipala kuyanzaleke aukuba libonelele oomasipala ngenkxaso kwezobuchwephesha nangezimali xa kufikwa kufakelolwenkqubo yamanzi, ukulondolozwa kwamanzi kunye nolawulo lweemfuneko yamanzi. ISebe liyaqhuba ngokudlala indima esembindini kuququzelelo lokwenza izicwangciso nokulawula imbalela kwiPhondo.

## Ukuphucuka kobuchwephesha

Siphila kwixesha lokuphucuka kopbuchwephesha. IFourth Industrial Revolution iyaguquka ngendlela abaphila ngayo abantu, abasebenza ngayo nabanxibeledana ngayo. Yakha ubume beshishini, urhulumente, imfundo, ezempilo phantse yonke inkalo yobomi bethu. Kurhulumente, itshintsha inkangeleko yonikezelo lweenkonzo nendlala esinxibeledana ngayo noluntu. Inani lamasebe awuthathile umngeni wokunikezela kwenani leenkonzo nge-intanethi. Ezinye zenjongo ezilicebo kukuphucula iindlela zokufikelela kwabemi kwiinkonz zikarhulumentebona kunye nengxelo. Oku kwenziwa ngeenjongo ezilicebo ngeNkqubo zeThusong ngeNkqubo Zabasebenzi ngoPhuhliso Zoluntu ukuze nobambiswano lwabathathinxaxheba zokuququzelela kunikezelo lweenonzo kwiindawo zoluntu. Ngokuqwalasela ubudala bobuchwephesha, inani labathathinxaxheba lifudukela ukusebenzisa i-intanethi ukufikelela kwiinkonzo. Okukubhekisa kwezi nkqubo ezilungiselelwe utshintsho olunokwenzeka. ISebe kiza kuqhubeka nokukhangaela iindlela zokuhlanganisa ubuchwephesha beteknoloji ukuqinisekisa ukuba iinkonzo zinikezelwa ngendlela eyiyo nesebnzayo kuluntu

## 5.2 Izinto ezingqonge indawo yomsebenzi

Isixhobo Sokuvavanya Indlela Yolawulo (MPAT) lu-vavanyo lwendlela zokulawula kwisebe eziqhutywa liSebe Lesicwangciso Sokubeka Iliso kunye Novavanyo (DPME). Imimandla ethe yavavanywa ibe licebo lolawulo, ulawulo kunye nokwenza umbiko ngoxanduva, ingqesho noqeqesho kunye nolawulo lwemali. ISebe liyazidla ngokuba lisebe elihamba phambili ngokusebenza kakuhle kwiPhondo xa kufikwa ekuhambisaneni nemithetho yokwenza umsebenzi kwiSebe, njengoko kuphawulwe ziziphumo ezikhutshwe yiDPME ku2018. Oku kwazinziswa kakhulu yiNkulubaphathiswa yaseNtshonaKoloni ngexesha lokunikezelwa kwamaWonga Okusebenza Kakuhle Esmebenzini ku2018(Service Excellence Awards 2018), kuwongwa iSebenza ngeWonga leGolide ngokuHambelana neMithetho Yokusebenza kwiSebe (Best Ethics Department) (eliwongwa linikezelwa yi-Ofisi YeKomishoni yeMisebenzi Yoluntu). La mawonga abubungqina bokusebenza ngamandla kwabasebenzi bonke kwiSebe.

Nangona kunjalo, siyayicinga into yokuba amanaqu awathethi nto ngolawulo olululo ukuba alukhange lufakwe kwasekuqaleni lube yinxalenye yendlela yokusebenza kwiziko. Kungenxa yeso sizathu siza kuqhuba ngokusebenza ngokuzimisela singaneli kukuambelana nemiyalelo yendlela yokusebenza kodwa sizame ukuuqinisekisa aukuba zonke iinkqubo/iinzame ziziphumo ezisekelwe ekwenzeni umahluko kubomi babemi beliphondo.

Xa kujongwa ukusetyenziswa kwemilinganiselo namanyathelo endleko kumasebe karhulumente ewonke, kumele iSebe lizilungise ngokuza namacebo ukzue likwazi ukuphumelela izicwangciso zalo eziyinjongo. Kunyakamali ongaphambili, oku kwaquka ukubambisana nabathathinxaxheba ukufikelela kuqoqosho oluphezulu. Kucingekwa ukuba kunyakamali ka2019/20, iSebe liz akuqhuba nokomelelwa intsebenziswano ukzue likwazi ukwenza umsebenzi omkhulu lisebenza izixhobo zokusebenza ezimbalwa elinazo. Ngenxa yendima yalo kurhulumente wasekhaya, iSebe lisebenze njengendima esembindini woququzelelo lokukwenza izicwangciso nokulawula imbalela kwiPhondo. Oku kwathetha ukuba kusetyenziswe izixhobo zokusebenza ezimbalwa ukuhlangabezana nemingeni emikhulu nemitsha eza ngenxa yembalela kwiSebe.

<sup>3</sup> Iakmabva esingalifuniyo: Lunganefuthe olunjani utshintsho lwemozulu kwiidolophu ezinkulu kwihlabathi liphela, Umbiko wobuchwephesha okhutshwe yiUCCRN, ngoFebhuwari ka2018.

# Ingxelo ephangaleleyo

Ukunceda ooMasipala ukuba bamelane nemiphumelela yefuthe lembalela ethe yathwaxa iPhondo, iSebe liqeshe iinjini ezisibhozo. Zabekw akwizithili ukuze zixhase oomasipala ngamanaythelo okongezelela amanzi amanyathelo afana nokuvavanywa kweendawo ezinokwenzeka ukuba zinamzi xa kuqhutywa uphand (geo-hydrological) kunye nokongamela inkqubo yokufakelwa kwemingxuma eyombiweyo ukuqinisekisa ukuba kususwa ngokupheleleyo ukusetyenziswa kweekhwifa kwithem ende.

Isebe linenani labasebenzi abangama360 ezivulekileleyo apho kuye kwagcwaliswa ezingama350 (97,2%) ekupheleni kukaMatshi ku2018, ntoleyo yaba neziphumo zomyinge wezithuba ezizipresenti ez-2,8% ngonyaka. Umyinge wezithuba kumanqanaba 1 uku-ya kwi12 uhleli kumyinge ozipesenti ezili9,6% ngelixa umyi9nge weepesenti zezithuba zeSMS ezi5.9%. ISebe likumanqanaba okugqibela okugcwalisa isuthuba soMphathi: Ukubeka Iliso Kwindlela Esisebenza ngayo iSithili nalapha eKhaya.

## Inkqubo yezengqesho nezithuba zomsebenzi, ukusukela ngama 31 kaMatshi ka2018

Inkqubo	Inani lezithuba ezikhoyo	Inani lezithuba ezizalisiweyo	Umyinge wezithuba %
Inkqubo 1	59	56	5,1
Inkqubo 2	245	238	2,9
Inkqubo 3	56	56	0,0
<b>Itotali</b>	<b>360</b>	<b>350</b>	<b>2,8</b>

### 5.3 Inkqubo yesicwangciso esilicebo

Isebe liqhube inkqubo esicwangciso ngembono ethi Sisicwangciso Sendlela Sokusebenza Ngonyaka esayanyanise neSicwangciso Esilicebo sika2014/2020. Ngenxa yoko, iSebe liqalise inkqubo yezicwangciso zoomjikelo weMTEF ka2018 ithe yaqwaslela ngokupheleleyo imiba echaphazela indawo yokusebenza. Ualwulo oluphezulu kwiSebe lukhokelwe yiNtloko yeSebe kuJulayi ka2018, ibambe iseshoni yokuqala esicwangciso ethetha yaqwaslela inkqubo yokuhlaziya kujongwe izithuba kusetyenziswa Isicwangciso Esilicebo ku2014/2020 kujongwa izikhewu, uhlaziyo lweeIDP zomasipala kunye nentsebenziswano yamaqonga awohlukeneyo. Kusetyenziswa le nkqubo, kwafunyaniswa imimandla nezihloko ezisekelwe kwimiba etshisa ibunzi nephambili kunyakamali olandelayo.

Oku kwalandelwa yintsebenziswano kwiintlanganiso zolawulo apho imiba etshisa ibunzi kwiSebe ixoxwa banzi ngembono yokukhokela amaQoqo Aphezulu kuLawulo kwiiseshoni zawo zokuqhuba

izicwangciso xa zilungiselela iseshoni yokucwangcisa kwiSebe. Izikhokelo zokunceda amaQoqo oLawulo zaphuhlisa ukuze akwazi ukwenza izicwangciso zawo ezavela kwiseshoni yokuwenza izicwangciso zeSebe ezazijoliswe ekucaciseni ngcono iimpawu zonyakamali ka2019/20.

Inggqiqo "yokusebenzisa indlela esekelwe kubemi" nesisimemelelo kumaqoqo awohlukeneyo kwiSebe sokuba zinwebe iinkqubo zikwazi ukuba yimpendulo kwiimfuneko zabemi beli ezingundoqo, liqhube nokwazisa imiba etshisa ibunzi kwiSebe nangona iPhondo lifumene imvula ebonakalayo ukuphuma engxakini, injongo kukuqwalasela kule mabelle igquba ngalo mzuzu kwiPhondo kunye nendima eyahlukileyo enokudlalwa liqoqo ngalinye.

Kwabanjwa iiseshoni ezizezinye zokucwangcisa ngomhla we12 Septemba nama-22 kaNovemba eziqwalasele izihloko ezingundoqo nezichaphazela ummandla ngamnye kamasipala kunye nezicwangciso zeSebe zokuba yimpendulo kwezimeko kunyakamali ka2019/20 APP nakwixesha elizayo.

## 6. Iziphumela-Ezilicebo Neenjongo Ezimiseliweyo

### 6.1 Ukuyondelelaniswa kweSicwangciso noPhuhliso, Iziphumo ZikaZwelonke kunye Neenjongo Ezilicebo kwiPhondo

Le thebhule iphawula ukuba iSebe zinxulunyaniswa neSicwangciso Sophuhliso kuZwelonke, ngaphandle kweZiphumo zikaRhulumente neNjongo Ezilicebo kwiPhondo .

Isahluko seNDP	Injongo	Iziphumo ZikaZwelonke	Injongo Elicebo kwiPhondo	Impendulo yeDLG
3. Uqoqosho nengqesho	Ukusetyenzwa kwenkqubo zengqesho yoluntu.	<b>NO 4:</b> Inggqesho eyiyo ngokukhula okuquka konke. <b>Sub 3:</b> Nciphisa intswelengqesho kulutsha. <b>Sub 7:</b> Ukusebenza ngenkqubo zoluntu.	<b>PSG 1:</b> Ukudala amathuba okukhula nengqesho.	Inkqubo zenkxaso eziphucula ukufikelela kuqoqosho nokukhulisa uqoqosho ngenkqutyana ezincinci kusetyenziswa Uphuhliso Lwabasebenzi Ekuhlaleni.
4. Iziseko Zokuphuhlisa Uqoqosho	Ukufakelwa kweenkonzo ezifanelekileyo ezifana zamanzi nombane.	<b>NO 6:</b> Isisekelo sphuhliso loqoqosho esisebenza kakuhle nesikwazi ukumelana nokukhuphisana nezinye ezinyingqalo yesisekelo. <b>Sub 2 &amp; 4:</b> linkonzo zophuhliso ngobuninzi. <b>Sub 6:</b> Unxibelelwano nobuchwephesha obuhambisa ingxelo.	<b>PSG 4:</b> Ukuqinisekisa indawo yokusebenza enonyamezelo, ezinzileyo, esemgangathweni ophezulu nequka ukuqwalasela kwendawo yokuhlala. <b>Iziphumo 2:</b> Ukuphuculwa kweendawo zokuhlala abantu. <b>PSG 5, Iziphumo 2:</b> Ulawulo olusebenzayo, nenikezelwa ngexesha neyimpemulo olusebenzayo.	Ukuphucula isicwangciso esihlanganyelweyo nesiququzelelwa ziziseko zophuhliso lukamasipala. Ukuxhasa oomasipala ngomngcipheko kunye nokuba sengxakini kovavanyo.  linkqubo zokuxhasa umasipala ngelCT.
5. Uzinzo lwendawo yokusebenza nenzinonyamezelo	Indlela eziphuculweyo zokulungiselela izehlo zentlekele nokubambi kwemozulu.	<b>NO 3:</b> Abantu baseMzantsi baziva bekhuselekile kwaye bakhuseleke.	<b>PSG 4:</b> Ukumelana nokutshintsha kwemozulu.	Ukuxhasa oomasipala namasebe karhulumente ngokuphuhlisa nokuhlaziya kwezicwangciso zokuzilungiselela ngexesha lentlekele Ukuququzelela ukunciphisa komngcipheko wentlekele ngokuhlanganisa nokquka iindlela zokunciphisa iintlekele kwiIDP zikamasipala. Ukufakela izixhobo ezikwazi ukuva umsi kwiindawo zokuhlala ezisematyotyombeni. Ukumisela iinkqubo zokhuseleko emliweni nezokhuseleko. Ukuququzelela uqeqesho oluqwasela izehlo nokulwa umlilo emoyeni.

# Ingxelo ephangaleleyo

Isahluko seNDP	Injongo	Iziphumo ZikaZwelonke	Injongo Elicebo kwiPhondo	Impendulo yeDLG
6. Uqoqoqsho oluquka iindawo ezisemaphandleni	Ukuxhasa abahlali kwiindawo zasemaphandleni	<b>NO 7:</b> Uluntu olusebenzayo nolunomdla ngolingano nozinzo kuluntu lwasemaphandleni kunye nokuqinisekisa ukubakho kokutya kumntu wonke. <b>Sub 3:</b> linkonzo kwiindawo zasemaphandleni nobomi obuzinzileyo <b>Sub 3:</b> Ukukhuthazwa kobomi obunoqoqosho olululo	<b>PSG 5, Isiphumo 4:</b> Ukuhlanganiswa kweenkonzo	Ukuqinisekisa ukufikelela kwiinkonz zikarhulumente kwiindawo zaxempahandleni ngokusetyenziswa kweenkqubo ezihambayo ezifana neThusong kunye neCDW
9. Ukwenza Inguqu kwiindawo zokuhlaliswa kwabantu	Iguqukela kwisistim yokucwangcisa esebenzayo ngoku ukuphucula uququzelelo	<b>NO 9:</b> Isistim karhulumente wasekhaya esebenza kakuhle ngokuba yimpendulo kwiimfuno zabantu, ekwazi ukuchaza ngoxanduva lwayo, esebenza kakuhle nesebenza ngexesha. <b>Sub 7:</b> Umnyango omnye woququzelelo.	<b>PSG 5, Isiphumo 4:</b> Isicwangciso esihlanganisiweyo, ulwabiwomali nokusetyenziswa.	Ukuqinisekisa kokuyondelelaniswa kwezicwangciso zenkcitho vs. nemiba etshisa ibunzi novavanyo lweIDP.
	Izibonelelo ngemisebenzi yabemi ngezicwangciso zekhaya kunye nophuhliso lweendawo zemisebenzi ngolandeletwano	<b>NO 7:</b> Uluntu lwasemaphandleni olunomdla, ukuqinisekisa ulingano nokuzinzisa kokuba khona kokutya kunye nokhuseleko lokutya kumntu wonke <b>Sub 5:</b> Indawo yokusebenza eqinisekisa ukuzinza equka ukukhula.	<b>PSG 5, Isiphumo 5:</b> Ukusebenzisana koluntu.	Amanyathelo okuxhasa okuphuhlisa ukusebenza kakuhle kweekomiti kwiiwadi.
13. Ukwakha urhulumente onako nophuhliso	Ukuzinzisa ukusebenzisana kolawulo kw- ezopolitiko	<b>NO 12:</b> Uphuhliso olusebenzayo nolusebenza ngexesha inkonzo ejolise kuluntu nokuxhobisa abemi ngendlela eyiyo nefanelekileyo nequka abemi. <b>Sub 4:</b> Ukujongana norhwaphilizo kwinkonzo yoluntu.	<b>PSG 5, Isiphumo 2:</b> Ulawulo olusebenza kakuhle, olusebenza ngexesha noluyimpendulo kurhulumente wasekhaya.	Uuxhasa oomasipala ngo-Phuhliso Lomthetho. Ukuxhasa iinkqubo nokuqinisekisa ulawulo olusebenza kakuhle nolusebenza ngexesha kulawulo loomasipala

Isahluko seNDP	Injongo	Iziphumo ZikaZwelonke	Injongo Elicebo kwiPhondo	Impendulo yeDLG
